I Mbongi ye Sizwe Jikelele: *Imvo Zabantsundu* (23 September 1930), page 8

**U Jansen ema Xoseni**

"Kwavela indoda efuna undiko"

Wavel' u bawo,
Wavel' umfo ka Jansen.
u-Dumbu le Domboti,
Igwangq' elimhlope lase Ligwa,
Int' ezel' imidaka yodwa,
Imidondosholo yase Afrika.
Kuvel' ibhunga ku Tsalitoro
Wat' olusapo malufe,—
Kuba lunamandla nengqondo,
Lunempilo nobugora,
Mhlamnye luyakusiwela,
[L]uval' indlela yezizukulwana;
Cutan' umsebenzi nandis' irafu.
Hlutan' umhlaba nandis' ugxoto.
Dipan' inkomo nigwenx' umteto.
Yatsho ngojwebevu lomjikelo
Indod' efun' undiko,—

Yat' ise Mbo yasema Mpondweni,
Yacancata kumajora,
Yawel' imixauka namageduka,
Yawel' imilamb' enamagama;
Kute kupi yajonga kwasemva,
Yajong' e Bu-Nguni!
Kwelenkanunu lasema Xoseni,
Kwelezirwalaxu lo nyonga nde,
Int' ezifa zibuye zivuke,
Zivuke z[e]zibuye zife;
Yajong' e Bungun' into ka Jansen!
Itol' lo Vrartara le Bhulu,
Int' esuswe ngokwaziwa,

Yaziw’ uk[u]suka nokuhlala.
Nanko-nanko Kofoti ka Sishuba!
Ndod’ eno Tixo no Manyano.
Nanko nanko nto ka Sigila!
Njengele ngamapapu nezibindi!
Nanko-nanko nto zika Jabavu!
Ngaz’ agqum’ ababam’ u Pakamisa.
Enyuk’ u Dontsa no Nontongwane,
Etwel’ iziben’ ezibenel’ umhlaba,
Zihlaul’ ityala lika yise;
Ityala lesizwe nohlanga.
Nanko-nanko Qinashe ka Koti!
Ityala lincinci lino Ndobe,—
Akavumi nomhlaba ka Kanyangwa,
Wagweb’ oka Ode wapula neliso,
Sayiwel’ iNxuba sikanyela,
Sisit’ uyazika ke bawo.
Wat’ ose Rini ndikwakwelo nam.
Sat’ uyazika ke bawo,—

Saliwel’ i Gqili sivutelene,
Sixobe sema nangomqala;
Wat’ ose Blomfanteni ndikwatelela.
Hlutan’ umhlaba nandis’ ingxoto,
Zebafe ngamaqwa nangamazolo.
Mhlamnye bosihlisel’ intlekele.
Wat’ u Tsalitor’ aliwelwa,
Wat’ um-Afrika liyawelwa,
Yanduluk’ injengele noka Havenga,
Bepet’ ubugqi bobuti,
Bezam’ ukuval’ amazibuko.
Kok’ um-Afrika seletyobozile;
Ekonyel’ inkunz’ ezingapesheya,
Pesha kwelwandl’ ezinkulu.
Taru Zikali Mazembe!
Umlandu ngowanina nto ka Maci,
Azikabuyi n’ ifam’ ezimbini?

Zesitembiso sama Ntinde!
Vela Mkweta lixesha vela.
Rol’ umgubo ka Pezulu, vela.
Rol’ u Malingatshoni vela.
Posela ngezulu nango Sindiyandiya.
Yimpahl’ ed’ isebenze ninina le?
Lixesha ngoku rolan’ imfihlo,
Zemk’ inkomo Magwala ndini!
Pakati ma Lau-ndini pakati!
Mna Xegwana ndiyabukela,
Iyanyashaz’ injobende ka Jansen.
Ifunzel’ emakaya pakati kosapo,
Pakati matol’ ezilo kuf’ ayayo,
Kuf’ ayayo madela kufa.
Emakaya sekuvalwa ngentloko zamadoda.
Ngentloko zo Ndobe no Maci;
Oka Sicin’ uligwele pambili!
Ayarashaz’ amatamb’ entilini!
Rolani nime ngamakul’ amahiati;
I Afrik’ iyazuz’ iyalunywa;
Iza kuzal’ u Gilikanqo;
Isil’ esingaziwa mnxhuma.
Zitsho kamnand’ izitonga zemfazwe,—
Ziti: Gidli-gidli,—Gi-dli-gidli!!!
Beniba koba njanina? Ncincilili!!!